Isalathiso: 20201126-9901
Inombolo yefayili: 2/9/4/3
Imibuzo: T Mlambo

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0007/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zamacandelo namacandelwana (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili)

Isihloko: IShedyuli yeeNtlanganiso ze-*ITOPSCOM*

1. Ikomiti i-*Western Cape Education Department, Information and Communications Technology (ICT) Operational Committee (ITOPSCOM)* yikomiti eyongezelelweyo ye-*ITSTEERCOM* ehlangana qho ngenyanga, ngokwetheyibhile elapha ngezantsi, ukuthatha isigqibo ngezicelo zezixhobo ezimiselweyo ze-*ICT*.

2. Abaphathi abajongene nestokhwe mabazalise ifom yesicelo i-*ITOPSCOM form* (isiHlomelo A) evunyiweyo xa kusenziwa isicelo seempahla neenkonzo ze-*ICT*. Makungeniswe isicelo esizaliswe ngokupheleleyo, saza sasayinwa esiyintsusa (*original application*) kwi-Ofisi kaNobhala wekomiti i-*ITOPSCOM*, kwiGumbi 19-09A, kuMgangatho 19, *eGolden Acre*, eKapa. Zonke izicelo mazifike kwi-ofisi kaNobhala ubuncinane kwiveki enye phambi kokuba iqhubeke intlanganiso. Nje ukuba singeniswe, isicelo/umenzi-sicelo uya kufumana ikopi yesicelo esivunyiweyo ukwenzela ukuba siqwalaselwe ngaphezulu okanye afumane i-imeyili ebachazelayo ukuba isicelo sikhatyiwe.

3. Ikomiti i-*TOPSCOM* iya kwenza isigqibo ngokuphathelele kwii-ayithem eziqhelekileyo ze-*ICT* kuphela. Uluhlu oluqhelekileyo (isiHlomelo B) luhlaziywa ngokutsha yi-*DotP:Ce-I* rhoqo yaye ingcaciso ehlaziywe ngokutsha iya kufumaneka apha https://mygov.westerncape.gov.za/services/it-policies-documents-and-forms. Zonke izicelo ezingamiselwanga ziya kuthunyelwa kwikomiti i-*ITSTEERCOM* kunye nengcebiso.

4. Isicelo sezixhobo ze-*ICT* ezitshintshwayo masikhatshwe yingxelo yobugcisa ecacisa ngesizathu sesicelo sokutshintshwa kwesixhobo eso. Kwiimeko apho izixhobo ze-*ICT* zithengelwa abaqeshwa abatsha, makuchazwe izizathu zokuba ngaba kukho izixhobo *ze-ICT* ebezinikwe nabani na okwisikhundla esithile phambi kokuqeshwa kwakhe yena yaye kuya kwenzeka ntoni na kwizixhobo ze-*ICT*.

5. Kucelwa niqinisekise ukuba ifom yesicelo i-*ITOPSCOM* iyachaza ukuba ngaba izixhobo ze-*ICT* ziya kuphinda zabelwe omnye umntu kunye/okanye ziya kuchithwa, kuloo meko, iCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo malaziswe ukwenzela ukutshintsha iingcaciso kwirejista yee-asethi.

6. Ishedyuli yeentlanganiso ze-*ITOPSCOM* zonyaka-mali ka-2021-22 nemihla yokungeniswa kwezicelo imi ngolu hlobo lulandelayo:

UMHLA WENTLANGANISO	**IXESHA**	**UMHLA WOKUVALA WOKUNGENISWA KWEZICELO**
27 JANUWARI 2021	09:00 – 12:00	20 JANUWARI 2021
24 FEBRUWARI 2021	09:00 – 12:00	17 FEBRUWARI 2021
31 MATSHI 2021	09:00 – 12:00	24 MATSHI 2021
28 APRELI 2021	09:00 – 12:00	21 APRELI 2021
26 MEYI 2021	09:00 – 12:00	19 MEYI 2021
30 JUNI 2021	09:00 – 12:00	23 JUNI 2021
28 JULAYI 2021	09:00 – 12:00	21 JULAYI 2021
25 AGASTI 2021	09:00 – 12:00	18 AGASTI 2021
29 SEPTEMBA 2021	09:00 – 12:00	22 SEPTEMBA 2021
27 OKTOBHA 2021	09:00 – 12:00	20 OKTOBHA 2021
24 NOVEMBA 2021	09:00 – 12:00	17 NOVEMBA 2021
26 JANUWARI 2022	09:00 – 12:00	19 JANUWARI 2022
23 FEBRUWARI 2022	09:00 – 12:00	16 FEBRUWARI 2022
30 MATSHI 2022	09:00 – 12:00	23 MATSHI 2022

7. Yonke imibuzo engeshedyuli yeentlanganiso ze-*ITOPSCOM* ingathunyelwa nge-imeyili apha:Tapson.Mlambo@westerncape.gov.za okanye kuSekela Mlawuli ithunyelwe ngqo kuSekela-Mlawuli wezoQuquzelelo lwe-*ICT* (kwiCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso) ku-021 467 9322.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-12-07